Kuma Ngesi ako akohlakeleyo, azama ukucinezela nokulaula umntu ontsundu ngendlela erabaxa nengeyiyo eyobulungisa. Inkoliso yawo ngaweza kwelilizwe engamahlwempu, esuka e *Home* engazelwe nto, afike atyeba apa, yaye injongo yawo iyeyokuba ontsundu ahlale ezantsi ebuntwini, abe sisicaka unapakade kanapakade. Ngawo la ayefuna u Tung’umlomo, imipu sayi- hlutwa ngawo. Imiteto ye pasi ezi- ngqongqo zase Monti, e Dayimani nase Natal zangeniswa zapunyeleliswa ngawo ; ngawo la acela ku Oom Paul imiteto erabaxa kunene yase Rautini; ngawo la angavumeli abantu bakowetu ilungelo lokuvota nokuhamba emacale- ni ezitalata e Natal. Ilungelo lokuvota lale Koloni lenyuswa ngawo. Imfundo yetu e Natal awayixasi wakuba ufike ku Standard IV. Imiteto ye pasi za- ngokuhlwa yaveliswa ngawo; ngexa lika Landipasi, ngawo la ayesidipa njengo- kungati eso site senkomo sikuti bantu bamnyama; umteto woranelo ema Mpondweni wenziwa ngawo; imihlaba yetu ihlutwa ngawo ngesheyi lokuti sivukela umbuso. Imfundo yetu ayicase ngangokuba okokuba waka wafutwa e simnareni awasayi kukuvumela okokuba usebenze ezikwatini zawo. Ikwangawo ke nala ati komnye umfundisi ontsundu wase Monti akuba eya kucelela impasalala zakowabo indawo zokuma, “Asinandawo, maziyokusebe- nza e Bblani.”

Ako ke

NAMA NGESI ALUNGILEYO azama

okokuba u Ntsundu alaulwe ngendlela yobulungisa, ati naye usisidalwa makafundiswe avulelwe onke amatuba okumqubela pambili, anikwe aboniswe amalungelo anokumpilisa kobu bomi nakobuzayo. Ngawo la siti sakukala ngokuti " safe butywala bomlungu " asisabele azame amacebo okusisindisa nokusinceda. Ngawo la ati kwakuveliswa imiteto erabaxa neyobubhru, naxa ixoxwayo alinge ukusitetelela nokusikusela; ngawo la ancedisana nabafundisi betu ekusikupeni ebunya- meni naseburwadeni asise ekukanyeni nase kupucukeni.

NGU OOM PAULI NA?

(2) Ufuna ukulaulwa ngu Paul Kruger nokokuba ngu Mntan’ omhle i Nkosa- zana u Victoria na? Uyazi um-Ligi okokuba umntu ontsundu ulutanda ulaulo Iwe Nkosazana kude kuti peza. I Bulu elingafudanga ngemvelo

IZIFUNDO ZONYULO.

E Bhai.

(NGUMBHALELI.)

October 4,1898.

Kuko intlanganiso ebibizelwe umzi e Rabe ngo 29 September ngu Rev. W. B. Rubusana. Isatyelwe kakulu ngumzi. U Mr. Balfour esesihlalweni.

U Mr. Rubusana ute ukubalapa pambi komzi wase Bai asikuba ezokufundisa umzi ngombuso esipantsi kwawo, kodwa njengomfundi naye uze kuncokola, nokwalata izinto ezingaba, ngelinye icala, zisayisitele inxenye yabantu. Waye yena ngokwake engahambi nendawo yokuba umfundisi mangabi nanto nezinto zombuso nolaulo, umsebenzi wake ube kushumayelaqa. Yena ucinga ukuba kuko izinto. ezipatelele entlalweni yomntu, ezifanelwe kengoko kukukangelwa zipapelwe ngumfundisi ukuze abe nokushumayela kubantu abahleli intlalo entle neyonwabileyo. Uqube wacaza amaqela la aman’ukuvakala e Palamente. Wati ukwanda nokuba zininzi kwezihlalo ze Bondi kukuba ama Ngesi ixesha eli ebengayi ncnelele nganto imali ehlaulwa ilungu ngexa i Palamente ihleli (nyanga-ntatu) eyi £1 16s ngemini; ngoko ke izihlalo ziyekelwa kumahlwempu ama Bulu, ati ke wona axole kukwamkela loma- lana kuba engena kungenisa ngapezulu kwifamana zawo ngemini. Ngendawo yokungaxasi amalungu etu amadala kunyulo oludlulileyo kukuba eyi Bondi; yaye into yokuba yi Bondi ebalekele kuwo ingahlambi nto kuyo yonke lonto. Oko ke wakubona ngokwake e Kapa ekwi Speaker’s Gallery. Ke ngala eku- tiwa zi “Independent,” yena ucinga ukuba ilungu linoncedo kontsundu betele lise “Bondi” umhlaumbi likwi “Progressives” kunokuba libe yinto esesitubeni. Watsho wazekelisa ngokuti: “You are better off use zulwini or esihogweni kunokuba ube sesitubeni. (Iilizwi: Yininale mfundisi!). Ngoko ke akawalandeli konkena. Noko ke uyawuvela umzi wase Bai ngokulahle- kelwa ngumhlobo wawo u Mr. Jones. Ngo Mr. Pelem ute akazani nganto ngo- kuza kwake apa e Bai. Ayinyaniso indawo yokuba watunywa nguye or yintlanganiso. Ke elokugqiba ungeni- se umcimbi wokwamkelwa kwepepa lake.

NGO MR. M. BELEM.

U Mr. W. Pikoli ute akayiva kamna- ndi indawo yokuba umfundisi akanka- nye igama lika Mr. Pelem engeko apa, kananjalo kumcimbi ole kwinto eku- hlangenwe ngayo. Unyulo lugqitile, waye no Mr. Pelem engacitanga kuti “buxe” nesigqibo ngokubako kwake; yaye lonto ke ikukuzinika ubuso obuhle ebantwini voti. Ivoti esinayo, encinane ukukankanya umntu engeko engena kuzipendulela. Utile : Uyateta!) U Mr. Rubusana ute imbangi kukuba igama lelo nene ulikankanye ngenxa yokuba ukaulelwe ngalento esafika— ukuba u Pelem lo wamtumela nina ukuza kulahlekisa umzi; qa ke.

U Mr. T. Mkoti ute yena lendawo ka Pelem ilungile ukuba ikankany we, kuba umzi walahlekelwa ngokubako kwalo mfana ka Pelile, angaziyo ukuba waye zokufuna ntonina, etunywe ngubanina. Ke ngendawo yezihlobo zwa ezidala, kuye yena icacile into yokuba zizi Bondi, bezifanele ukungavotelwa, uyawabulela amazwi nencazelo ka Mr. Rubusana. (Utile: Ayikacaci indawo yobu Bondi bazo kuti. Kuhle.)

IPEPA.

U Mr. S. N. Katta unge angaqonda eyona nto lentlanganiso ibizelwe yona yiyipina, uko “Umbuso,” iko le

yokuba kutatwe ipepa?

U Mr. S. Mawele ute yena usakolwa lipepa le Mvo, nenkokelo yalo ayilahle- kisi mntu kwezinto zisapitizelisa umzi.

INGESI NE BHULU.

U Mr. W. Wauchope ute izwe uli-gqibile wada wakufika naku “Oom Paul ” e Rautini, apo wabona kona ukuba umlungu “ ubomvu ” wonke. Kwinteto ecinezela ontsundu kwelo. Bebesiti xa baye e Pretoria (Ekomkulu lama Bulu) betunywa ngumzi, balatiswe amapepa asayinwe ngama Ngesi, acela ukuba ama Bulu ayimisele lomiteto, batsho bati: “Hai, abelungu babomvu bonke madoda. (Omnye: Uyateta Nqodolo!) Ke noko kunjalo kuko nembeko enkulu ati ayifumane umntu ontsundu ofanele- kileyo kwizipata mandla zama Bulu, eziti ukumbiza umntu ohlambululekileyo : “ *De Gaskafte Krestling kluerling.*” (Kwahlekwa.) Kude kube ngapezulu kwinzala yase Transvaal, xa alapo angatata ngomlinganiselo u Mr. Matlapin, um Sutu. Yena unokukwenzela ipasi ikukulule nokuba kupina. Ke ukutsho, unga ingacaca indawo yokuba i Bulu alilutsbaba ko Ntsundu kuba lili Bulu, njengokuba i Ngesi lingalunge lonke kuba isuke yali Ngesi, izihlobo zizihlobo ngendalo. Ngendawo yepepa, okwangoku lisaxela ingqeqe, yona ungeva imanukuti: ntyau! ntyau! ntyau! emva kwenja enkulu, ingade ilwe kuba isazi ukuba iyakoyiswa, ibeke lonke eloxesha imfene iwugqiba umbona. Yena ke “Nqodolo” usasonge izandla de kulawe nemfene le ngokuvisisana ibulawe lupile usapo. (Kwadunywa.)

UBU BONTI—BUYINTONINA ?

U Mr. B. Sinuka ute indawo yokula- hlwa kwezihlobo zabo ezidala akayiva, kuba engayifumani ukuba yindawo nina le ezise indawo yokuba ziyi Bondi; into ayaziyo yeyokuba yi Bondi ebalekele

E B!pfolo.

MAKALAHLELWE NTONINA?

KUWE MHLELI WE “Mvo,”—Ngati isitonga sonyulo sidlule, asikadluli? ‘Mbangi yokuba ndibuze lombuzo kukuba kuko izwi ekute kuyo yonke imigudu ebisenziwa kwaqukunjelwa ngalo, elokuba makalahlwe u Mr. Tengo-Jabavu. Kekaloku ndixakiwe ukuba oku kulahlwa kuka Mr. Tengo Jabavu kusingisa pina; kuko ukuba angabi safuneka kuyo yonke imicimbi engaba iluncedo, nokuba hai kusinina, kuko ukuba abe ngumncedisi koyakufakwa esikundleni sake kusinina, kwaye kunjalonje ndingatsho ukuba u Mr. Tengo-Jabavu unguyena mntu onokwe- nza izimanga ezingenakwenziwa ngo- ' mnye umntu. Kodwa umbuzo ngulo, besesidikwe yintonina kangako nguye? Indawo yesibini, kwazona ezizaziso sizitunyelwe ngalamanene azixeli ukuba ngubanina oyakuba kulendawo akuyo u Mr. Tengo-Jabavu? Ndiyakolwa ukuba wonke ubani uyazi xa kuza kushenxiswa umntu kwindawo abe kuyo, kuyafunwa ukuba inga ngub'a- nina ongafanelwa yilondawo, okanye kukangelwe ibamba okwexeshana; kekaloku lamanene akidange asicazele. Kungoko lite iqela kulomandla wase Bhofolo lakungafumani ncazelo lawabuyisela kubaniniwo apo avele kona, laye liteta zvinye, asikafuni kumlahla u Mr. Jabavu.

Indawo yesitatu, izaziso ziti, Umhleli uhlwayela okungenyaniso ukuti abantu base Alvani basenento no Sawala ba-gqibe ekokubeni abamfuni, bafuna u Crewe ohamba nama Ngesi. Kekaloku indawo efike yandilinda ngalama- nani:—Sauer 796, Crewe 598, Botha 600. Kekaloku andazi nokuba kwelinani lika Mr. Sauer akuko bantu bantsundu, ekuyakuti ukuba akuko bantu bantsundu ndibe nokuti ke IMVO mayibe yayi-teta okungenyaniso. Kambe kulombuzo warn sendoncedwa

ngabantu base Alvani kuba bona bati abamfuni u Sauer bafuna u Kru yena uhamba nama Ngesi. Injani londawo mzi wase Alvani? —Ndim, PETER CONGWANE, September 24,1898.

Ukuteta Okutukayo.

MHLELI WE MVO ZONTSUNDU,—Kau- ndinike itutyana ke ndenze amanqaku ngo “ Hlab’ ekangele ” okwizwe elitu- ka kunene, elingena mbeko nakubani. (1) Unkabi uba akabonwa ukuba kanye nguye umpembi wobubi; (2) Kwayena uhlaba u Mr. Mlilwana elixa sincoma tina inteto elungileyo. Wazika “ Hlab’-ekangele.” Sikubonile apo udlela kona. (3) Unkab’ uhlaba u Mr. Matyolo ngenteto engena mbeko. Sikubonile. Nam ngokwam olunyulo, njengoko seletshilo umzalwana (u Tyolo) ukuti lusishiye namava, kunjalo okunene. No Mr. Ruluneli wase Cawa ndimxasa ngomqolo warn ngawe uyatuka mu radani. Ngati kumhla waqala ukwenza into. Lenteto yako “Hlab’ekangele” ifana nenteto eyayinge voti engo Dakilisi e Ncmera eyayizincoma ngemfundo. Injalo kanye le, iyagxeka. Kum ngati kufuneka kwenziwe umgudu omkulu ukuyipelisa lentlamba, nezi zi-tuko, nezinyeliso, nokuswela imbeko, ukungahloneli, ukuze kulunge. Nditsho kuwe “ Hlab’ekangele,” ngati ubucimile xa ubusenza lenteto, kanti noko uboniwe into oyenzayo, nalapo usingisa kona, necebo onalo pakati. Uyabonwa. Xa nditshoyo ba Hleli be Mvo nditi bako abakutandayo or abanitandayo. Yomelelani, sinani futi emitandazweni. Uxolo ba Hleli, botani. Ndim, oyena—HLAB’ EKANGELE.

P.S.—Yena lo ka Sibeko ngati ubedle “ungqam.” Yonke inteto ayenzileyo unkatyana ucinga ukuba IMVO iminjje imi ngaye. Hai mfana, ungacingi ukuba ungu Judge nje wogweba. Lumka, ms’ ukufeketa ufunde ukuteta wakuva

“ ungqam ” we Bar ne 3 Star. Lumka, umzi wosangana aze namazulu asanga- ne, lumka.

Ngo Mayisela.

Ndipendula am azwana abe kwi Mvo “Akunjalo, andiwahlutanga amasimi ka Timothy Mayisela. Kuze udade wabo wacela isife, no Coll afika ehamba naye, naye wacela intsimi. Ke lamasimi bewacela nje ngawomfazi omncinane ka Mayisela. Umkile waya ngapesheya e Free State ngapaya kwe Bloemfontein. Bubuposiso obubi bokuti ndimhlute amasimi ake or ndimpange amasimi ake. Andisiso isidenge esinjalo engati umntu ndimblute amasimi ake ewarafela. Umfazi yena umkile egxotwa ngu Timothy Mayisela. Nam lo ndingu swaar wake, ndizeek omnye udade wabo, ukuliswe ndim lo ndamsa nasesikolweni. Ke nkosi, ngo Mr. Sauer, uyazi yena u Mr. Sauer ukuba ngentlanganiso yemantyi eyayise Herschel wafika ngeloxesha u Mr. Sauer, wayenza eyake. Kwateta abantu ababini, emva koko kwateta mna, ndamncoma kakulu u Mr. Sauer ngemisebenzi asenzela yona ngo Tung’ umlomo nange Pasi Engqongqo, esasisenza intla-nganiso nasebusuku ndisiti—Kumbu’ani u Mr. Sauer, wayesiwa evuka nati ngeloxesha. Kwavakala evuma onke amadoda ase Herschel xa nditi masini. vote sonke u Mr. Sauer no Mr. Crewe. Ndikuxelela, lento yamasimi ayiko kanye entweni yevoti. Lento u Timothy uyimangalele ku Superintendent Dovey, yatetwa wagwetywa, kwatiwa ndiyitete ngokulungileyo. Lonto yamasimi ipelile. Owako onyanisekileyo,— AUGUSTUS T. BELL, Dulciesnek.

[Lencazo ka Mr. Bell iyenza bala limbi inteto ka Mr. Mayisela.— Ed.]

Inja eli Bilidokwe.

MHLELI, — Woba akuyondoda ukuba uke wayipendula incwadi ka H. C. Msikinya, wase Melika, ayifanele kupe- ndulwa ngamadoda asemsebenzini ange- na xesha lokufeketa, njengawe nje. Into inye *dez jamaar*, abe upesheya kolwandle, yaye nemali inqabile, bekuya kutunye- Iwa enye inkwenkwe eqavileyo ipate olomdubu, uswazana olubunileyo, iti kuye, hla! utu kwedini ka Msikinya, hamb’ udlale or uncokole namany’ ama “ nkwe.” Amadoda ayayitanda, eyibuka lento uyenzayo yokungapiki nento zobu- ntwana ezimana zibhekiswa kuwe nga-bafunda ukukonya, gxebe ukukonkota. Abanakuzinceda. Abanini zinteto aba- sokuze bayikolelwe lenqubo yabo, ayi-bukwa bani ngapandle kwabafunda ukulila nje ngabo; de babe namava obudoda aneleyo. Yaye iyinto eyaziwa ngabo bonke ukubainja enkulu ifundo- kelwa kakulu zingqeqe, isuke inge ayiziva zintshwentshweza nje, seyingu Yo! yo! ye! ye!! Ikukuti nqa into yokuzikataza kwakutiwa, u Jabavu ute- ngiwe. Unani ungazenzi iliwa kuba lemigudu uyenzenayo bayayenza nabo batshoyo. Ukuba u Jabavu angatengwa no Nantsi angatengwa —T.

Aliwal North.

AMAQETSEBA ONYULO.

“Um-Afrika Okulayo ” wase Aliwal utyatyanjelwa yintlanganiso yopyulo yakona yokulahlwa kuka Mr Sauer, ngentlanganiso enkulu ye 28 July, 1898, nokwamkelwa kwake ngu Rev. Jno. Msikinya ekubuyeni kwake e Herschel, nge 19 August, 1898 ; nokuhuye alahlwe akuva inteto yamadoda. Uncoma ubu- yilo obungatetekiyo ; uti:— Ndivumele ndike ndenze amabal’ engwe ngonyulo luka Sauer no Crewe, ngabantsundu. Nge 28 July u Sauer wagwetywa ngo Revds. W. Rubusana, J. Msikinya, no Mr. Mqanda, nabalandeli babo e Alvani, kwavunyelwana ukuba uyi Bondi Wa- nduluka u Rev. J. Msikinya wasinga e Herschel. Ebuyile kona ubize intlanga- niso, wayipakela

ezase Herschel, ukuba ufike umzi umi “Bhuxe” ku Sauer, wawubotoza ukuba mawuvote ku Saner no Crewe, kwavunyelwana ; wati nose Alvani bayakuvuma balandele yena. Efikile uyipakele intlanganiso, utsho wati, ufumene ucingo oluvela e Herschel, oluti namhla nje u Mr. Sauer uyicitile yonke lanto yokwahlulwa kwevoti, ya- pitizela kakulu intlanganiso. Yada yakupana ngezandla, etyalikeni ka Rev. Jno. Msikinya; kute emva kwesipitipiti esibi wavakala esiti u Mr. Msikinya mayipume impi ka Sauer, hai yavuma, kwasala iqumru lika Crewe. Isigqibo sibonakele ngomhla wevoti xana u Rev. J. Msikinya seleyindangandanga, enxibe amalapu okuxela ukuba ziyona nkunzi kumagqweta ka Kru ekutiwa yi flag ye Nkosazana (lenye) ukurolela abantsu- ndu ekuvoteleni u Kru lowo.

Intshumayelo ze Sabata eyandulela unyulo siva ukuba ubehleli kanye pezu kwabati bavota u Sauer, utsho wati abo bantu bane e Wesile, batatu e Tsha- tshi, ngabantu abafana nabantu abati akuko sihogo! Wade wati ekuyigqibeni intshumayelo yake, noko maze bangaxa- kaniswa abazalwaha abo, yoti ifika imini yovoto babe sebeluguqule uluvo lwabo. Yapitizela pandle intlanganiso ngemini ye Cawa.

Uluvo Lomtengisi Mayeza.

U F. W. CL Thomas, umtengisi mayeza e Claremont, usand’ ukuti kutsha nje “ Kuluvuyo kum ukuyaleza elika Chamberlain Lokholokohlo kubatengi bam, kuba isoloko isanelisa. Litengi- swa ngo R. Lumsden & Co., abatengisi mayeza, e Qonce.

“Imvo Extra.

WEDNESDAY, OCTOBER 12, 1898

BENSONVALE INSTITUTION.

We hear that a considerable gathering assembled at this Institution on the 22nd ult. to witness the formal re-opening. The magistrate of Herschel was present. There were also Revs. G. Weaver and F. Ellenberger (Masifisi), Rev. J. Thompson, President of the Conference was, we regret to say, unable to be present. The ceremonial consisted mainly of a dedicatory service, conducted by the Governor of the Institution (Rev. W. Baker), who said a few words as to the successful result of the labours of those who had directed the work of building, after which the Resident Magistrate formally declared the buildings open. The visitors were then shown the very capacious classrooms, dormitories, and schoolhouse accessories that now replace the very dilapidated erections that formerly formed this home of tuition; and the solid workmanship and convenient character of the whole structure were duly admired. The cost of the work of building had been £1,750, and of this there was still a large amount, about £600, to be made up. A collection was taken, when the total realised in cash and promises amounted to nearly £70, of which sum it is only fair to add Native contributions formed a pleasing part. The severe drought that overhung the opening must have had a depressing effect on the proceedings. Now that it is broken Mr. Baker should be able to do better.

QUEEN OF DENMARK.

It is matter for deep regret that the illness of the Queen of Denmark to which the Princess of Wales was summoned a few weeks back has ended fatally, a cable to that effect having been received. Her Majesty was born in 1817 and was mother of the Princess of Wales, towards whom the sympathies of all in the British Empire spread.

MOST SUPPORTERS.

The *Queenstown Representative* gives the views of a section of the Ministerial party as follows:— “ Most of the Government supporters in these parts are of the opinion that the Government should have resigned a fortnight ago, no doubt Sir Gordon Sprigg will find that opinion pretty general. If, however, he determined to resign a day before Parliament meets he will lay himself open to the charge of cowardice. If, therefore, he does not resign now that still a little time is left, he had better not resign until actually defeated in the House. The situation is indeed growing more complicated every day.”

And again:—“ The new Govern- ment—and there can be no doubt now, even in the mind of Sir Gordon Sprigg, that there is going to be a new Government—will take some time in forming, and will then have the excuse of saying that as they were given no time to formulate any legislation they are not prepared to bring any forward at all. The Estimates will of course, have to be passed and Parliament prorogued to next year. The business of the country will, in the meantime, have to look after itself.”

The Ntinde Location.

Government has been unable to entertain the application of a public meeting of King Williamstown, requesting that a portion of the Ntinde Location lying between the town and Briedbach commonages be added to those commonages, and recommends the erection of dividing fences to stop the nuisance of trespassing and im-

The Cape Telegraph Department has issued an intimation that class cypher will be entirely abolished, and messages, whether written in plain or code languages, will be passed at the ordinary rate of Is. per ten words and 6d. for every additional five or part of five words. Messages may be written in English, French, German, Italian, Dutch, Portuguese, Spanish, or Latin. Messages written in any other languages, or containing unintelligible combinations of letters, will be counted at five letters to a

Elomisipa—Lokuruneka is
 Elase Indiya lokumika mandla—Xa uno- kutyafa njalo njalo ... 3 6
 Umpilisi Ongumangaliso—Amafata ama- nxebe nezilonda njalo njalo 1
 Umgudisi—Wobuso oburabaxa njalo njalo 2/6and 3 6
 Umgubo—Wesisu segazi esesine Xesha njalo njalo 1 6
 Umpilisi we Cancer21 0
 I Germicide—Zokupilisa i Gushuwa, njalo njalo ...18 0

Onke anokufunyanwa enamapapa ngesi Ngesi, ngesi Bhulu, nangesi Xosa.

Lamanani axeliweyo ngawe botile ngapandle kwe posi.

Dale College.

The *Cape Mercury* is to be commended for bringing forward before the public the good work Dale College is doing. In any other town the praises of such an institution would rehd the skies to its advantage, but we have never been able to account for the unnecessary modesty of King Williamstown in educational matters. From our contemporary we gather that the number of Dale College candidates entered for the annual December examinations is a record, and consists of the following subjects *Science*.—Chemistry (advanced stage) 4, do. (elementary stage) 22 ; Physics (elementary stage), 4; building construction (elementarystage),6. *Woodwork*.—First year course 38, second do. 5, third do. 1; *Drawing*.—Frechand—first year—45. These examinations are entirely apart from the University Examinations held in June, the results of which were as follows:—Matriculation—1st Class 0, 2nd Class 1, 3rd Class 3; total 4. School Higher—1st Class 1, 2nd Class 2, 3rd Class 2; total 5. Elementary—1st Class 1, 2nd Class 11, 2rd Class 6 ; total 18. In the last examination 18 candidates were entered, *all of whom passed*, five in extra subjects, one in Latin, four in German. The Matriculation and School Higher lists were not so good as last year, when eight candidates were entered for the former, all of whom passed; 12 were entered for the latter, 11 of whom passed.

Sham Progressives.

At present, observes the *Midland News* with truth and force, we have a self-styled Progressive party containing several ministers who have lived on Bond support in the past and several ex-Bondmen in the ranks. The party contains members who were at infinite pains to oust some of the most honest and consistent progressive members of the late Assembly, and are now seeking to retain power by securing some deserters from the Bond The men who a few weeks ago were denouncing Mr. Sauer as “ the most discredited politician in the country” are now holding him up as an “ideal Speaker.” A sturdy reform party will not be built up on those lines.

Congregational Union.

The annual meetings of this body, which were this year held at Uiten- hage under the able presidency of Rev. S. J. Helm, came to an end last week. Among other business transacted may be mentioned the appointment of a paid secretary. Heretofore, the duties of this office have been discharged by an honorary secretary, but they have grown to an extent that one who might visit the churches was required. The choice for this important post has wisely fallen on Rev. J. P. Ritchie.—A discussion on Church Work proved a special feature of the meetings this year, it being resolved to continue and observe them in coming years also.—The desirability of forming District Associations was acknowledged since the area of the Union is very wide, and a Committee was appointed to bring up a scheme.—Missions in Matebeleland were commended to the Executive.-The Union decided not to prosecute work in Cen- tani, as the Presbyterian Missions are labouring there.—In matters of education a movement is on foot to establish central schools after the model of Lovedale. Peelton is re- opened for the girls, and Hankey may be opened for boys.—For, the coming year Rev. Charles Phillips, of Johannesburg, was elected Chairman and Mr. E. Jukes Knight, of Burghersdorp, Vice- Chairman.—It was reported that the difficulties in connection with Rose Lane Congregation, Uitenhage, still existed, —‘Recommendations were’ passed to enable Knappshope to have a Minister. —The Union had also the pleasure of welcoming Rev; S. P. Sihlali, who had just returned from A trip to England. He gave an interesting report of his mission, which had been a most delightful and helpful one, resulting in the collection of £500 for work in Tembuland. The sessions concluded with votes of thanks to those who had entered the Union.

On his arrival at Cape Town on Sunday week His Honour President Steyn was met at the station by Lieutenant-Colonel Hanbury Williams, Military Secretary, with a carriage from Government House, and drove to the Queen’s Hotel. In the afternoon, His’ Excellency the Governor called upon the President and Mrs. Steyn at their hotel.

JESSE SHAW,
 EDICAL IBOTANIST, ETC.,
 FORT BEAUFORT.

UKOHLOKOHLU OLUBI’

“ 94, Commercial Rd., Peckham, July 12.
 “ Nkosi Etandekayo.—Andikwazi kulutyila uluvo lwam, kodwa ndinga ndingakubulela. I Lozenges zakó zenze izimanga ekundikubuleni kukohlokhohlo olubi. Kusisela okuya ndavulwa inxebe emqameli (njenge Nkosi yase Germany, kuloko ndibulela u Tixo kuba ndingafananga nayo, mna ndisapila) kwi hospiti! yase St. Bartholomew, akuko mntu ubengaba nokohlelo olumamandla kunolwam; belude lwafika ekubeni lundipelise amandla. Isikhohlela ebesilukuni, sisininzi, ngoku sitambile, ngoku ndimako akusikupa ngapandle kwenkatozo.— Ndingowako nge- nene, Nkosi, i HILL.

UBUNGQINA BE GOIRA. UBUNGQINA BE GOIRA.

“ Ronth Park, Cardiff, Booth Wales, September 28, 1893.
 “ Ndinovuyo olukulu ukuqokela obam ubungqina kwiweza lako elilunge kunene elizi Lozenges zokohlokhohlo, ngoku sevi- sibozo imivaka ndilisebenzisa kwihosi- tili vam nezivane indawo, ndalifumana lino- needo olukulu. Ndikatazwa futi do. 1; *Drawing*.—Frechand—first year—45. These examinations are entirely apart from the University Examinations held in June, the results of which were as follows:—Matriculation—1st Class 0, 2nd Class 1, 3rd Class 3; total 4. School Higher—1st Class 1, 2nd Class 2, 3rd Class 2; total 5. Elementary—1st Class 1, 2nd Class 11, 2rd Class 6 ; total 18. In the last examination 18 candidates were entered, *all of whom passed*, five in extra subjects, one in Latin, four in German. The Matriculation and School Higher lists were not so good as last year, when eight candidates were entered for the former, all of whom passed; 12 were entered for the latter, 11 of whom passed.

Tabata ezika Keating I Lozenges Tabata ezika Keating i Lozenges.

Ezi LOZENGES ZIKA KEATING ZO- KOHLELO, “ sakugqite iminyaka engu- mashimi asixenxe anamihlanu ” zagalwa- yo ukwenziwa, kukona ziyidwinyo ukutengwa, kuba akoko zilingana nazo ngokunceda ku Kohlelo Lobusika, Um- befui, no Mgqala; linye kupela elinedayo.

AZINA ZIMBI.

AZINA ZIMBI.
 Ezika Keating i Lozenges Zokohlokhohlo elona yeza kuhlulwa ilimbi okinyaneni UKOHLOKOHLU, UKU- TSHA KWELIZWI, NOMQALA, zite- ngiswa nge nkoxna ne botile ngabontengi mayeza bonke.

ABAFUNA.

Ukutengisa Amazimba, Iizibonda Zomtati, Uboya, Nezikumba.

Bofumane amaxabiso alugqileyo ngokuya ku C. E. NIXON. Ningakulibali kwa

C. E. NIXON,

Otate Indawo ka J. Newing,

Cambridge Road and Ayliff Street

E QONCE.

EKA POWELL



INCINDI YE ANISEED

INOKUPILISA UKOHLOKOHLU LWAKO
 ILIYEZA ELAZEKAYO KULO LONKE ILI- ZWE, elitengiswa kakulu ngabo bonke.

UBUNGQINA OBUNGACELWANGA.
 I DEAN YE VERGER TASK WESTMINSTER ibhala i-- Ndadetyiswa ukuba ke ndhinge i Balsam ye Aniseed; ndengeniyo, ndazuzza ukuncedeka. Ilu- nge kakulu emzimbeni nase komelezeni ilizwi.

U LIONEL BROUGH, Esq., ichule lemidlalo elaze- kayo uti “ Ndicenga ukuba filizeya elilunge ka- kulu kubantu bemidlalo, ndaye ndisoloko ndliya- leza kodade nabazalwana bam.”

U Mr. THOMAS HUGHES, Chemist, Llandilo, October 1, 1896, ubhala: Isimanga, sendinemi nyaka engamashumi amahlanu anesibini ndise shishini namhla. Ndiyakumbula uma endimka i Balsam yako yokukhohlela ngenqele, sekuzakuba viminyaka engamashumi asixenxe yenzakayo lonto?

LIBEHLE LIZICOMBULULE IZIKOHLA- UKUKOHLA KWANGOKUHLWA LI- KUNCEDA KAMSINYANE.
 QWALASELANI UMFANEKISO ONGENTLA EMAPEPENI ELLSONGELWE KUWO.

Kangelani amagama ati, “Thomas Powell Blackfriars Road, London,” kwisigqiniso sakwa Kulumeni.

Ningayamkeli Imilinganiso, Labako 1824.
 A BASE ZIFAMENI XA BAZE KUTENGA BA- NGALLIBALI ELIYEZA LIDALA LOKO- HLELO.

EKUKOHLLENI.
 EKA-POWELL INCINDI YE ANISIDI

UTENGISWA NGABENZI-MAYEZA

VENKILE KWELASE OSTRELIYA, NYUZILANI ne KOLONI ZASE KAPA.
 KWISIFUA SOMBEFU, NOMFULAWENJA, UTENGISWA NGABENZI MAYEZA NEVENKILE KWELASE OSTRELIYA NE NYUZILANI ne KOLONI ZASE KAPA Ibhutle 1s, 1 1/2I ne 2s. 6d

IBaibile ze Zisosa

KWANE

TESTAMENTE

ZINOKUFUNYANWA NGOKU KWI

Ofisi ye MVO nakwa Mr. NIXON, Qonce.

| | |
|--------------------|--|
| Lovedale | |
| Alice | ZINOKUFUMANEKA NAKWEZINDAWO . |
| Queen’s Town ... | Rev. DR. STEWART |
| Graham’s Town | Mr. R. STOCKS Mr. D. Kimberley S. BARRABLE |
| Beaconsfield | GROCOTT & SHERRY |
| Port Elizabeth ... | Rev. N. PESCOD Rev. J. S. MORRIS JUTA & Co., ETC. Mrs. STEWART Rev. T. GAMBLE KUMZI WASO |

| | | |
|--------------------|------------|---------------|
| IBaibile Enkulu | .. 9/- | nge Posi 10/1 |
| Fhotshwe kakihle | .. 6/6 | - 7/ |
| Fine Class | .. 5/6 | - 6/ |
| Eyomeleleyo ... | .. 4/ | - 4/6 |
| Fincinane | .. 3/ | - 3/6 |
| | .. 2/3 | - 2/8 |
| | .. 1/3 | - 1/7 |
| Testamente Fentsha | .. 2/ | - 2/3 |
| | .. 1/6 | - 1/9 |
| | .. 1/3 | - 1/6 |
| | EZOKUFUNDA | |

| | | |
|--------------------------|-------|----------------|
| Uhambo Lomhambi (Rev. T. | 2s 6d | nge Posi 2s 9d |
| | 2s 3d | - 2s 8d |
| | 3d | - 4d |
| | 2s 6d | - 3s |
| | 6d | - 7d |
| | 3d | - 3 1/2d |
| | 1d | - 1d |
| | 9d | 9d 10d |
| | 3d | - 4d |
| | 3s | 9d |

i Baibile Ezintsha Zesixosa qezi- tshipu 1s. 3d.

REV. L. NUTTALL, Secretary Cape Town.

AKA NOGQALA

AMAYEZA

Adumileyo Ezityalo,

ALUNGISELELWE nge nyameko nanenge ngqondo kumzi wake wa- ma yeza e Bofolo aye ikakulu ezizwe ngemiti yamayeza. Aluncedo oluqini- sekileyo kwizifo enzelwe zona.

s. d. Iyeza. Eliqinisekileyo—Incindi yokupilisa ukulunywa yi nyoka, njalo njalo..... 7
 Umpilisi—We sisu segazi, njalo njalo 2
 Elase Afrika—Lokupilisa izinyo kwaoko ... 2 Incindi Yezityalo—Yokupilisa intloko ... Umhlambi Omsha we Iisa—Wokupilisa amehlo abuhlungu 2/-
 Umcaza we Zityalo we Alkali—Wece- sine 2/-, 2/6, and 3
 Elokupilisa Elitsha — Le Ngqangambo Zamatambo 2
 6
 (Jmdambisi—Wokutsha ne Zilonda njalo njalo . .
 Umcaza omandi we Rhubarb—Wokunce- da intsansa

JABAVU & BOKWE,

UNGUMTUNGI wodidi olupambili.
 Impahla ayigcinayo yebuhlungu yodwa, netandwa ngamanene ayaziyo ento ikhahlawa zingubo zelixesha. Um- sebenzi wake e Dayimani ungowaniselisi leyo.

Amanani ngalungele elixesha
 Ubulela bonke abantsundu abase Si- kwatini nabanga pandle, ngenxaso ngale minyaka ilishumi ugqitileyo.

Itestamente Endala.
NGEMIBUZO NEMPENDULO

NGU
REV. W. A. GOODWIN, M.A.
Yaguqulelwa esi-Xoseni ngu Alfred B. Jele
Inokufunyanwa ngoku kwi Ofisi
Mvo, nge 1/6; nge Post, 1/9.

C. A. Jay & Co

BASE QONCE.
BAFIKELWA ngeveki zonke zinqa-
nawa eziza nempahla zentsimbi.
Lzinto zokusebenza, zentlobo zo- nke,
zawo onke amashishini Izitya—Ezegi asi,
Ilampu, Iparafini, Amagaba, Imihlakulo,
yentlob zonke, Amazembe, Ibedsteads,
njalo-njalo.

YIZANI KUZIBONELA,

INTLOBO ZONKE

ZE BAIBILE,

Ngenteto ye Sixosa,

Zinokufunyanwa
KWI OFISI YE MVO,"
E QONCE kwanakwa ' .

Mr. C. E. NIXON.

Lemizi yomibini Yenziwe indawo zoku-
tengisa i Baibile yi

British and Foreign Bible Society

(Umanyano loku shicilela Izibalo)

MAXABISO ezinokufunyanwa nga-
wo kwi " Mvo " adweliswe ngezantsi.
Ubani otumele imali ngokwala maxabiso
wofunyaniswa incwadi asukuba efuna
zoma.

Ukuvela kwe Mini (Rev. W.

Hunter)

Indlela Yobom (Rev. C. K. Hodges) inye

Incwadi ye Hlelo le Rabe (Rev.

W. Rubasano)

Ibali lika Nsikana ngesi Ngesi (J. K. Bokwe)

Intlaba Mkosi yo Mqamlezo inye

Ivangeliki ka Mateyu (ngokwase Ngcobo) elunge kwi Ziko-
lo ze Mini, inye

IMIFANEKISO.

Umntan' Omhle u Vitoli nge

Jubili, umnye 3d

Umhlekazi i Rulunchi (Sir A.

Milner) umnye

Imali nge *Money Order*, nokuba zizi-
tampu ze 'halafu, itunyelwe kunye ne

odolo, ngegama lika

King William's Town.

INCWADI ZESI XOSA.

ZINOKUFUNYANWA ngokutu-
nyelwa kwala maxabiso alande- layo

kule Ofisi ye

" MVO ZONTSUNDU," •

Amaculo ase Wesile a-

„ makulu 8/nge Posi 8/6

.. Ane Noti ... 3/6 - 6/6

.. Amancinane... 3/3 - 3/9

.. Ase Rabe 3/6 - 8/9

.. Imibedesho vase Tsha-
tshi 2/6 - 2/9

AMACULO ANE NOTI.

Ingoma zase Lovedale

(J. K. Bokwe) ... 2/6 - 2/9

Do. do. do. 1/6 - 1/9

Her Last Words. no

Peace of God" ... /2 - /3

Kusandu Kushicilelwa Ngexabiso le Tiki

(3d).

' Indlela Yo-Bomi '

(THE WAY OF LIFE).

—NGU—

Charles Hodges,

(IGUQULELWE ESI XOSENI.)

Inencwadi Ebhalelwe Abantsundu base S. Afrika,

—NGU—

BISHOP TAYLOR, .

We Methodist Episcopal Church.

Inokufumaneka ku Rev. R. LAMP-

LOUGH, Wesleyan Book-Room, Queen's

Town. E Natal ku Rev C. K. HODGES,

Estcourt. Nakwi Ofisi ye Mvo, King

William's Town.

Rev. W. HUNTER, umbhali

Womhlobo wabashumayeli uti Izimvo

ezikule ncwadana zezi zifu- neka kanye

kwaba Ntsundu ndaye ndikolwa ukuba

ubuko bayo bovelisa okulungileyo."

INCWADI YESI-XOSA ENTSHA

"IMBALI ZEZIBHALO."

INCWADI I.

—NGU—

REV. J. S. MORRIS.

Ebotshwe ngolusu 3s, nge Posi 3s. 6d,

Ebotshwe ngepepa 2s. 6d. „ 3s, 6d

Zinokufunyanwa, xa kutunyelwe ne-

mali, ku

JABAVU & BOKWE, King

William's TOWN